

Find more tips on reading with children of different ages at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or send us your tried-and-tested tips for getting children engaged in books and stories. We'd love to hear from you so email your ideas to [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) or post them on our wall at [www.facebook.com/nalibalireadingclubs!](https://www.facebook.com/nalibalireadingclubs/)



Neo

Bella

## Making the most of it!

Do you enjoy reading with your children and want to make sure that they benefit as much as possible from spending time in this way? Here are some ideas for activities that deepen and extend the experience of the books you read together. Some of the ideas are suitable for all ages while some are better suited to older children – choose the ones that you think are best for your children.

### Before

- Spend some time looking at the information and illustration or photograph on the front cover of the book. Ask your children to use these to predict or guess what the book is about. (You can follow this up after reading the book by asking your children to think about how accurate their predictions were!) With older children, you might also want to read the blurb on the back cover. These activities help children learn that they can use the information provided on a book's cover to decide whether they want to read it or not.

### During

- As you read, help develop your children's prediction skills by asking, 'What do you think will happen next?'
- Ask your children to comment on the illustrations or to find particular people or objects in the pictures.
- If your children can already read, take turns in reading different parts of the story. Encourage younger children to join in with pretend reading (or reciting) parts of stories that they know well.

### After

- With younger children, sing a song or say a rhyme linked to the content of the story.
- Ask older children what they liked about the book and if there is anything they wished was different.
- Older children often enjoy finding out more about the author or where the story is set. If possible, let them search on the Internet or in non-fiction books for this information.
- Invite younger children to draw a picture of the part of the story that they liked best. Encourage older children to draw a map of where the story is set.
- Set aside a special time each day when you can enjoy books together. Choose books that you like as well as ones you think will be of special interest to your children. And, of course, also make time to read the stories that your children choose themselves.

[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Josh



## Zuza lukhulu!

Ingaba uyakonwabela ukufundela abantwana bakho kwaye ufuna ukuqinisekisa ukuba bazuza lukhulu kangangoko ngokuchitha ixesha labo ngolu hlobo? Nazi ezinye zeengcebiso zemisebenzi ebethelela nephuhlisa amava ngeencwadi enizifundayo. Ezinye zezi ngecebiso zilungele nongakanani na umntwana ngokweminyaka ngeli xa ezinye zilungele abadala – khetha ezo ucinga ukuba zilungele abantwana bakho.

### Phambi kokufunda

- Chitha ixesha elithile ujonge iinkcukacha nemizobo nemifanekiso ekuqweqwe lwencwadi lwangaphambili. Cela abantwana bakho basebenzise ezi nkcukacha baqikelele ukuba incwadi leyo ingantoni na (usenokuphinda ukulandelele oku emva kokuba niyifundile incwadi ngokuthi abantwana bakho ubabuze ngokuchaneka koqikelelo lwabo!). Abantwana abadala usenokufuna ukubafundela okubhalwe kuqweqwe lwencwadi lwangasemva. Oku kunceda abantwana bazi ukuba banokusebenzisa iinkcukacha eziseqweqweni lwencwadi ukuthatha isigqibo malunga nokuba bayafuna na ukuyifunda loo ncwadi okanye hayi.

### Ngelixa nifunda

- Ngelixa nifunda, phuhlisa izakhono zokuqikelela ebantwaneni bakho ngokubabuze umbuzo ofana nalo, "ucinga ukuba yintoni eza kulandela emva koku?"
- Cela abantwana bakho baphefumle ngoko kusemifanekisweni okanye bakhangele abantu abathile okanye izinto ezithile apho emifanekisweni.
- Ukuba abantwana sele bekwazi ukufunda, bolekanani ngokufunda amacandelo okanye izigaba ezithile zebali. Bakhuthaze nabancinci bangenelele ngokuthi nabo benze ngathi bafunda izigaba ezithile zebali abalazi ngokupheleleyo (okanye ngokuphinda izinto abazaziyo).

### Emva kokufunda


- Culani nabantwana abancinci okanye nenze iivesi ezinento yokwenza nomxholo webali.
- Abadala babuze ngabakuthandileyo ngenchwadi leyo kwanokuba yintoni abanqwenela ukuba ibingolunye uhlobo, ukuba ikhona.
- Abantwana abadala badla ngokukonwabela ukwazi banzi ngombhali okanye ngendawo ibali elenzeka kuyo. Ukuba unako, bavumele bazikhangelele ezi nkcukacha kwi-intanethi okanye kwiincwadi zesikhokelo.
- Abancinci bacele bazobe umfanekiso wesigaba esithile sebali abawuthandileyo. Abadala bakhuthaze bazobe imephu yendawo ibali elihutyelwa kuyo.

Fumana ezinye iingcebiso zokufundela abantwana beminyaka eyahlukeneyo kule webhusayithi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye usithumelele ezakho iingcebiso zokutsala umdla wabantwana bafunde amabali esele zike zavavanywa. Singathanda ukuva uluvo lwakho, ngako oko sithumelele iimbono zakho kule imeyile [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) okanye uxhome kolu donga lwethu [www.facebook.com/nalibalireadingclubs!](https://www.facebook.com/nalibalireadingclubs/)

Noodle



Help your child be a somebody. It starts with a story...  
Nceda umntwana wakho abe lulutho. Konke kuqala ngebali...



To the Nal'ibali Editor

I am a trustee of a centre for abused children. We have a safe house in which children live until they can safely return home and we also have an after-school programme for 60 children. We get donations of books but they are all in English and most of our children are not strong enough in English to enjoy reading them. The Nal'ibali supplement is a great idea and I am anxious to use it to encourage the children to use the time with us to develop good reading habits. Is it possible to have copies of your supplement sent to our home on a weekly basis? If so, we could definitely make good use of 20 or more copies each week.

Regards  
Hazel Black

Dear Nal'ibali...  
Mhleli weNal'ibali...

Write to  
Nal'ibali at PO Box  
1654, Saxonwold, 2132 or  
letters@nalibali.org

Bhalela kwi: Nal'ibali,  
PO Box 1654, Saxonwold,  
2132 okanye kwi:  
letters@nalibali.org

Dear Ms Black

The Nal'ibali reading-for-enjoyment supplement can be found in different language combinations in different Avusa titles. In 2012 it will appear in isiZulu and English in *The Times* (KwaZulu-Natal and Gauteng) on a Wednesday. You can find it in isiXhosa and English in *The Times* in the Western Cape (on a Wednesday) and in *The Herald* (on a Thursday) and *Daily Dispatch* (on a Tuesday).

We'd love to be able to send you free copies of the Nal'ibali supplement! To qualify to have batches of supplements delivered

to your school, reading club or community-based organisation, you must be located in the Eastern Cape, Western Cape, Gauteng or KwaZulu-Natal. Please email [supplements@nalibali.org](mailto:supplements@nalibali.org) and an Avusa representative will contact you to arrange delivery, if you qualify. You can find more information about the supplements and download past editions at [www.nalibali.org/supplements](http://www.nalibali.org/supplements)

We hope the children will enjoy reading the stories and that there will be adults who can do the activities with them.

The Editor

Mhleli weNal'ibali

Ndililungu lebhodi yabathenjwa yeziko labantwana abathe bangamaxhoba empatho-gadalala. Sinendawo esibagcina kuyo abantwana de bazive bekulungele ukubuyela emakhayeni abo, sikwanazo neenkqubo zasemva kwesikolo esiziqhuba nabantwana abangama-60. Sifumana iminikelo yeencwadi, qha zonke zingesiNgesi ngelixa uninzi lwabantwana bethu bengasazi ngokupheleleyo isiNgesi ukonwabela ukufunda ezi ncwadi. Uhlelo lweNal'ibali ngumbono omhle kakhulu kwaye ndizimisele ukulisebenzisa ukukhuthaza abantwana babekunye nathi ukuphuhlisa umdla wabo wokufunda. Ingaba unganako ukusithumelela iikopi zolu hlelo kwiziko lethu rhoqo ngeveki? Ukuba unako, iikopi ezingama-20 rhoqo ngeveki zingalulutho kuthi.

Ozithobileyo  
Hazel Black



Nksz Black obekekileyo

Ihlelo lweNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa nelifumaneka ngeelwimi ezahlukeneyo liphuma kumaphepha-ndaba ohlukeneyo e-Avusa. Ngonyaka wama-2012 olu hlelo luza kufumaneka ngesiZulu nangesiNgesi kwi *The Times* (KwaZulu-Natal naseRhawutini) rhoqo ngoolwezithathu. Ungalufumana ngesiXhosa nangesiNgesi kwi *The Times* eNtshona Koloni (ngoolwezithathu) nakwi *The Herald* (ngoolwezine) nakwi *Daily Dispatch* (ngoolwezibini) eMpuma Kapa.

Singathanda ukukuthumelela iikopi zehlelo lweNal'ibali! Ukuze ukufanele ukuthunyelelwa isiphampa solu hlelo kwisikolo sakho, kwiqela lakho elifundayo okanye kumbutho woluntu, kufuneka

kube kanti uzinze eMpuma Koloni, eNtshona Koloni, eRhawutini okanye kwaZulu-Natala. Nceda uthumelele isicelo sakho kule imeyile [supplements@nalibali.org](mailto:supplements@nalibali.org) igosa le-Avusa liza kuqhakamshelana nawe ukwenza amalungiselelo okuba uthunyelelwe olu hlelo, ukuba phofu uhumaniseke ukufanele ukulithunyelelwa. Iinkcukacha ezithe vetshe ngeli hlelo kwanokuzifumanela amahlelo angaphambili ndwendwela le webhusayithi [www.nalibali.org/supplements](http://www.nalibali.org/supplements)

Sithemba ukuba abantwana baya kukonwabela ukufunda amabali kwaye kuza kubakho abantu abadala abaza kubancedisa ngemisebenzi yokufunda.

UMhleli

Sign up with the Nal'ibali network to receive monthly e-newsletters, access giveaways and to show your support for using the power of stories to inspire children to want to read and write. Simply go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) and register with us – it's that easy!



Yiba yinxalenye yothungelwano lweNal'ibali ukuze **ufumane iindaba zenyanga, ufikelele kwizinto** ekunikiswa ngazo nokubonisa inkxaso yakho yokusetyenziswa kwamandla wamabali ukukhuthaza abantwana bafune ukufunda nokubhala. Ukuze **ufikelele koku ndwendwela le webhusayithi** [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ze ubhalise – kulula nje ngolo hlobo!

### Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kweli hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



## Get story active!

After you and your children have read *The Zebra and the Hyena*, try out some of these ideas.

### If you have 10 minutes...

- Talk about the story with your children. Do they think the zebra or hyena was the cleverest and why? What do you think Hyena said as he pulled out the thorns at the end of the story?
- Ask your children to draw a picture of their favourite part of the story.

### If you have 30 minutes...

- Play a game with your children. One of you turns around and closes your eyes. The others try to creep up like the hyena did on Zebra without being heard or getting caught. Take turns being the hyena.
- Encourage your children to think of words that start with each letter in the word 'hyena' and that describe the hyena in the story. For example: h – hairy. Suggest that older children write down the words. Help younger children by writing down the words they suggest.

### If you have one hour...

- The technique that the artist has used in the pictures is paper collage. Talk about this with your children: can they see the edges of the paper? Collect different coloured paper or use colourful pages from old magazines. Encourage your children to create their own pictures using these. Display them on the fridge or their bedroom walls.
- Let older children research interesting facts about zebras and hyenas. They could create a general knowledge quiz on these animals for the rest of the family.
- Encourage your children to write their own story about either the zebra or the hyena. They might also want to include other characters of their own. Help younger children with their stories by writing the words they tell you for each picture they draw. Let older children try writing their stories on their own.

## Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba nifunde ibali elithi *Iqwarhashe neNgcuka*, zama ezi ngecebiso zilandelayo.

### Ukuba unemizuzu eli-10...

- Ncokola nabantwana bakho malunga neli bali. Ingaba bacinga ukuba iqwarhashe nengcuka zikrelekrele, ngoba? Ucinga ukuba iNgcuka yathini xa yayizibangula ameva ekupheleni kwebali?
- Cela abantwana bazobe umfanekiso abawuthandileyo apho ebalini.

### Ukuba unemizuzu engama-30...

- Yenza umdlalo nabantwana bakho. Omnye wenu makajike akuvale amehlo. Abanye mabarhubuluze bazame ukulinganisa iNgcuka ngela xesha ibichwechwela iQwarhashe bangaviwa okanye bangabhaqwa. Yenzani iigemu ngokuba yingcuka.
- Khuthaza abantwana bakho bacinge ngamagama aqala ngonobumba okwigama 'ingcuka' ze banike ingcaciso ngengcuka apho ebalini. Abadala mabawabhale la magama. Bancedise babhale amagama abawabizayo.

### Ukuba uneyure enye...

- Umzobi kwimifanekiso usebenzise ubuchule bengqokelela yemifanekiso esephepheni. Ncokola nabantwana bakho ngobu buchule: niyawabona amacala ephapha? Qokelela amaphepha anemibala awohlukeneyo okanye usebenzise amaphepha anemibala emagazini endala. Khuthaza abantwana bakho bazenzele eyabo imifanekiso besebenzisa oku. Bacele bayincamathisele kwisikhenkcezisi okanye kumagumbi abo okulala.
- Cela abadala baphande ngezinto ezinika umdla ngamaqwarhashe neengcuka. Basenokwenza oqashiqashi neentsapho zabo ngolwazi oluphangaleleyo ngezi zilwanyana.
- Khuthaza abantwana bakho babhale awabo amabali ngeqwarhashe okanye ngengcuka. Bancedise abancinci ukwenza awabo amabali ngokuthi ubabhalele oko bathi kubhale ngomfanekiso ngamnye abawuzobileyo. Abadala bayeke bazibhalele awabo amabali.

## Meet the Nal'ibali characters

### Afrika

Afrika is 7 years old. He lives with his mom in a rural area that is about five hours' drive from the neighbourhood where his cousins, Neo and Mbali, live. They often visit each other during the school holidays. Afrika speaks Sesotho and English and is learning isiXhosa. He loves anything to do with science and inventions and he has already built his own model aeroplane using ice-cream sticks! Can you guess what Afrika's favourite books are? That's right, he likes 'how-to' books and books with lots of interesting facts in them. Usually, his mom reads to him but he has also started to read some books by himself. The first book he read on his own was one about his favourite snack: watermelon!

## Dibana nabalinganiswa bakaNal'ibali

### Afrika

U-Afrika uneminyaka esi-7 ubudala. Uhlala nomama wakhe emaphandleni malunga neeyure ezintlanu ukusuka apho kuhlala khona abazala bakhe uNeo noMbali. Bayatyelelana rhoqo ngeeholide zesikolo. U-Afrika uthetha isiSuthu nesiNgesi, ufunda nokuthetha isiXhosa. Uyazithanda izinto ezinento yokwenza nezobunzulu-lwazi nokuyilwa kwezinto kwaye sele ezenzele webhaloni esebenzisa izinto ze-ice-cream! Unako ukuqikelela ukuba u-Afrika uthanda eziphi iincwadi? Heke, uthanda iincwadi zokuyila izinto neencwadi ezinezinto ezininzi. Umama wakhe udla ngokumfundela kodwa naye ngoku uqalisile ngokuzifundela iincwadi ngokwakhe. Incwadi yokuqala awazifundela ngokwakhe yincwadi engento ayithandayo, ivatala!



Stop!

If you aren't going to use this supplement, please give it to someone who will! Deliver it to a school, community centre, library or someone you know.



Ukuba awuyisayi kulusebenzisa olu shicilelo, nceda ulunike omnye umntu oya kulusebenzisa! Lise esikolweni, kwiziko loluntu, elayibhrari okanye kumntu omaziyo.

Yima!

## Story corner

Here is the second part of the story about Feleng and her brothers and sisters.

### Feleng learns to read (Part 2) by Joanne Bloch

That night, when the little fishmoths were cuddling up to their mother in the crack in the wall, Feleng started to speak. 'I know what you want!' said Mama Fishmoth. She was in a good mood after her peaceful day alone at home. 'You want me to tell you a story.'

Feleng grinned. 'Not tonight,' he said. 'Fifi, tell Mama what I did today.'

When Mama Fishmoth heard how Feleng had moved along the squiggles in the book while the other children were eating, his mother was a bit worried. 'What were you doing, Feleng?' she asked. 'All children need to eat, you know.'

'I can eat tomorrow,' said Feleng. 'Today I did something even better – I learnt how to read!' Then he explained how he had looked from the black marks on the page to the pictures. 'I realised they were telling me something,' he said. 'After some time, I started to understand what the squiggles meant ... they are letters, and letters make words. And words make sentences, and sentences make stories. So tonight, you can rest, Mama – tonight it's my turn to tell YOU a story!'

With that, Feleng told his mother and brothers and sisters a story about a human child who went down to the river and met a crocodile. 'What's a river? What's a crocodile?' shouted the little fishmoths.

'I don't know,' laughed Feleng, 'I'll have to find out tomorrow. But the picture showed a huge, scary creature with a very big mouth.'

'Like a human!' said Mama with a shudder, and all the fishmoth children shivered and moaned and twitched their feelers ... That meant it was time for bed.



Illustrations by Maja Sereda  
Imifanekiso ngu-Maja Sereda



### In your next *Nal'ibali* supplement:

- **Suggestions for International Literacy Day**
- **Story stars: a community project that is working to grow adult and child readers**
- **Mini-book, *Mama Mabena's magic***
- **A read-aloud story, *The colour of love***

Need more resources? *Nal'ibali* is here to help! Visit the resource section on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) for posters, bookmarks, checklists and tip sheets in English, isiXhosa, isiZulu and Afrikaans! You can also find us on Facebook.

Which is your favourite part of the supplement? Tell us on Twitter using the hashtag #nalibali  
Loluphi olona papasho uluthandileyo?  
Sixelele kuTwitter ngokusebenzisa i-hashtag #nalibali

## Indawo yamabali

Nasi isigaba sesibini sebali likaFeleng nabantakwabo noodadewabo.

### UFeleng ufunda ukufunda (Isigaba soku-1) Ngokubhalwa nguJoanne Bloch

Ngoba busuku, apho ooFishmoths abancinane babebuthelene kumama wabo kwithanda eludongeni, uFeleng waqalisa ukuthetha. 'Ndiyakwazi ukuba ufuna ntoni!' watsho uMama Fishmoth. Wayonwabile emva kosuku loxolo ezihlalele yedwa endlwini. 'Ufuna ndikubalisele ibali.'

Wancuma uFeleng. 'Hayi namhlanje,' watsho. 'Fifi, xelela uMama ukuba ndenze ntoni namhlanje.'

Emva kokuba uMama Fishmoth evile ngendlela uFeleng ebewalandela ngayo amagosogoso ebesencwadi ngelixa bona abanye abantwana besitya, umama wakhe wababuxhalaba yile ndawo. 'Ubusenzani Feleng?' wabuza. Bonke abantwana kufuneka batye, uyayazi phofu loo nto.'

'Ndisenokutya nangomso,' watsho uFeleng. 'Namhlanje ndenze ngcono – ndifunde ukufunda!' Wacacisa ngendlela ebekujonge ngayo okumnyama ephephene kwimifanekiso. 'Ndiqaphele namhlanje ukuba bekundixelela okuthile, watsho. 'Emva kwexesha elithile, ndiye ndaqalisa ukukuqonda okuthethwa ngaloo magosogoso ... ngoonobumba, kwaye oonobumba benza amagama xa bedibene. Amagama wona enza izivakalisi, ze izivakalisi zona zenze amabali. Ngako oko ngolu rhatya ngawuphumle Mama – ligem lam lokuba ndibalisele WENA ibali ngolu rhatya lwanamhlanje!

UFeleng wabalisele umama wakhe nabantakwabo noodadewabo ibali malunga nomntwana owahamba waya emlanjeni ze wadibana nengwenye. 'Umlambo ongako ukuba mkhulu? Ingwenye engako ukuba nkulu?' watsho uFishmoths omncinane.

'Inene andazi,' wahleka uFeleng, 'kuza kufuneka ndiye kuzibonela ngomso. Kodwa umfanekiso ubonise into enkulu eyoyikekayo enomlomo omkhulu kakhulu.'

'Njengomntu!' watsho uMama ebuhlasimla, batsho bangangcazela bonke abantwana bakwafishmoth baduma ..... Oko kwakuthetha ukuba lixesha lokulala.

### Kwihlelo elilandelayo le*Nal'ibali*:

- **limbono neengcebiso ngeendlela eninokubhiyozela ngazo usuku lwelitheresi lwehlabathi**
- **limbalasane zamabali: iphulo loluntu elikhulisa ukufunda kwabadala nakwabancinci**
- **Incwadana encinci ethi *Umlingo kaMama Mabena***
- **Ibali lokufundelwa ngaphandle elithi *Umbala wothando***

Ingaba udinga izixhobo ezingakumbi? UNal'ibali ukho ukuze akuncede! Yiya kwicandelo lezixhobo ku: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ufumane iiphowusta, izalathisi ezifakwa encwadini, uluhlu lwezinto ezifuna ukukhangelwa namaphepha eengcebiso ngesiNgesi, isiXhosa, isiZulu neAfrikaans! Usenokusifumana nakuFacebook.



We publish *what* we like

Read the original story, *The Zebra and the Hyena*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele.

Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Ilqwarhashe neNgcuka*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele.

I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



INal'ibali liphulo lelizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

# The Zebra and the Hyena Iqwarhashe neNgcuka



Lesley Geekie Dawe • Nikki Jones

Zebra was hungry.

'Ooh, I'd love to chew on some long green grass and a mouthful of leaves,' he said to himself. 'And perhaps even some crunchy roots for dessert. That would be delicious!' He licked his lips and set off to look for some.



Iqwarhashe lalilambile.

'Eish, Ndingathanda ukudla kwingca ende eluhlaza ndihlafune umthamo ozeleyo wamagqabi' lazixelela oko. 'Kwaye mhlawumbi ndingafumana neengcambu ezikramzelayo njengezimuncumuncu ezityiwa emva kwesidlo. Oko, kungayinto emnandi!' Mnce-mnce lamunca imilebe iqwarhashe laqalisa ukuhamba-hamba lifuna okunjalo.

Zebra wandered slowly here and there, pulling at the grass and chewing happily.

'Mmm, this is the life!' he thought as he wandered on and on across the veld, chewing and smiling and munching and crunching.




Iqwarhashe lahamba-hamba kancinci lithi lilapha libe liphaya, litsala ingca liyihlafune ngovuyo.

'Mhmmm, bubomi obu!' lacinga njalo njengokuba lalibhadula licanda edlelweni, lihlafuna futhi lincumile, lifukutha, likwanqunqutha.

A big spotted hyena crept up behind Zebra.  
Zebra didn't see the hyena. He didn't hear the  
hyena...but suddenly...he pricked up his ears!  
He didn't turn around but he listened carefully,  
his ears turning this way and that.  
'Hmm,' he said to himself, 'I can hear  
somebody's soft paws padding up behind me.  
It's Hyena. I bet he wants to eat me for lunch!'

Ingcuka enkulu enamachokoza yachwechwela  
iQwarhashe ngasemva. Iqwarhashe alizange  
liyive...kodwa ngephanyazo...lazithi balulu  
iindlebe zalo! Alizange lijonge ngasemva kodwa  
laphulaphula ngocoselelo, iindlebe zalo zijonga  
ngapha nangaphaya..  
'Mhmmmm,' lazixelela, 'ndiva ukunyathela  
kwamathupha emva kwam. Yingcuka.  
Ndiqinisekile ifuna ukundenza isidlo  
sayo sasemini!'





Just as Hyena was about to pounce, Zebra turned around and said quietly, 'I wouldn't do that if I were you. I have stepped on a very long, sharp thorn. If you eat me, it will stick in your throat. It might even kill you!'

'Ugh, I wouldn't like that!' giggled Hyena.

'If you like,' said Zebra kindly, 'I will lift up my hoof and you can pull out the thorn. Then you can eat me.'

'What a good idea!' said Hyena, licking his lips.

Kwathi kanye xa ingcuka isecicini lokutsiba,  
iqwarhashe lajonga ngasemva latsho ngeliphantsi,  
'Bendingenakwenza njalo ukuba bendinguwe.  
Ndigqiba kunyathela iliva elide elibukhali. Ukuba  
uyanditya uza kumiwa leli liva aph'emqaleni wakho.  
Mhlawumbi lingade likubulale!'

'Si-i-i, andinakuyenza into enjalo!' yatsho sele  
ihleka ingcuka.

'Ukuba uyathanda,' latsho iqwarhashe ngobubele,  
'Ndiza kuphakamisa uphuphu lwam ze wena  
undikhokhe eli liva. Emva koko ke ungangitya.'

'Licebo elihle elo!' yatsho ingcuka, izikhotha imilebe.

Zebra stood still while Hyena looked at his hoof.  
'I can't see anything,' he grumbled. 'Are you sure it's this hoof?'  
'I'm sure!' said Zebra. Then suddenly, with a loud WO-WHO, he kicked Hyena as hard as he could.


Iqwarhashe lema bhunxe ngeli xesha ingcuka ijonge uphuphu lwalo.  
'Andiboni nto apha,' yambombozela yatsho ingcuka. 'Uqinisekile lolu phuphu?'  
'Ndiqinisekile!' latsho iqwarhashe. Ngephanyazo, nangengxolokazi enkulu, DUSHU! layikhaba ingcuka ngamandla kangangoko linako.



Hyena flew through the air and landed right in the middle of a thorn bush.  
'OOOOO-OOOOW!' he howled.



Siphu ingcuka, yabhabha emoyeni, jiki, phethu,  
yahlaba ugolokonqwane intloko yajonga ezantsi.  
'AWU-U-U-U!' yagxwala yatsho ingcuka.



Hyena crawled out of the thorn bush and dragged himself slowly away, picking thorns out of his nose and his paws and his tail. Zebra put his head down to the long green grass and went on chewing and smiling and munching and crunching in the sunshine.

Ingcuka yakhasa ukuzikhupha kwelo tyholo  
linameva ahlabayo yazirhuqa ngokucothayo,  
izikhotha ameva empumlweni yayo, kwiimpuphu  
zayo nasemsileni wayo. Iqwarhashe laqoloselela  
kwingca eluhlaza laqhubeka nokuhlafuna,  
ukuncuma, ukufukutha nokunqunqutha elangeni.

